Isahluko 6

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA

Le ngxelo ilandelayo mayifundwe kunye namaphepha eemviwo esiXhosa uLwimi lwaseKhaya kaNovemba 2019.

6.1 IINDLELA ABAQHUBE NGAZO ABAVIWA: Amaphepha 1 – 3 (2019)

Indlela abaqhube ngayo abafundi ibonakalisa ukuhla xa ithelekiswa neyonyaka wama-2019.

Kunyaka wama-2019, kuphawuleke ezi zinto zilandelayo:

(a) Inani labaviwa abachophele esi sifundo lihlile ngomyinge wama -2592 xa uthelekisa nonyaka wama-2018.

(b) Gabalala impumelelo yabaviwa ibonakalisa ukuma ndawonye ku99.7 leepesenti kulo nyaka wama-2019 xa kuthelekiswa nonyaka wama-2018. Ukuhla kwezinga lokuphumelela kubonakele ngokunyuka kwezinga labaphumelele kwinqanaba lama-40-49,9 eepesenti ngomyinge we-0,2 eepesenti ngowe-2019 xa kuthelekiswa nanyakenye. Ngokweepesenti, eli nqanaba belinabaviwa abaziipesenti ezingu-1.5 ngowe-2018 suka ngowe-2019 lanyukela kwi-1.7 yeepesenti. Kwakhona kukwadulisa ukuhla komgangatho wokuphumelela, ukunyuka ngomyinge we-3.2 kwabo baphumelele kwinqanaba lama-50-59,9. Eli qela belikwi-10.4 leepesenti ngowe-2018 njengokuba lili-13.6 leepesenti ngowe-2019. Ukuthi chatha ngomyinge wama-3.9 ukuphumelela kwinqanaba elingu-60-69,9 eepesenti ngo-2019 nako kubonakalisa ukuhla xa eli qela lalingama-38.8 eepesenti ngo-2018 libe ngowe-2019 likwiipesenti ezingama-42.7. Kusenjalo, kuyakhwinisa ukuhla okubonakala kumanqanaba aphezulu.Umyinge wabaphumelele kwinqanaba lama-70-79,9 eepesenti wehle ukusuka kuma-42.0 ngo-2018, waya kuma-36.9 eepesenti ngowe-2019. Inqanaba lama-80-89,9 eepesenti lona lihle ukusuka kwisi-7.0 seepesenti sango-2018 laya kwi-4.9 seepesenti ngo-2019. Inqanaba lika- 90-100 eepesenti lona libuye lathi shwaka ngowe-2019, lisuka ku-0.1, ebeliqala nokubonwa ngowe-2018.

Itheyibhile 6.1.1: Impumelelo ngokubanzi yesiXhosa uLwimi lwaseKhaya

Year	No Wrote	No. achieved at 40% and above	% achieved at 40% and above
2015	95,694	95,356	99.6
2016	97,164	96,952	99.8
2017	87,934	87,731	99.8
2018	87,326	87,075	99.7
2019	84,734	84,511	99.7

Igrafu 6.1.1: Impumelelo ngokubanzi yesiXhosa uLwimi lwaseKhaya



	2015	2016	2017	2018	2019
% achieved at 40% and above	99.6	99.8	99.8	99.7	99.7

Igrafu 6.1.2: Ukuhlulwahlulwa kwabaviwa ngokwendlela abaqhube ngayo (IsiXhosa uLwimi lwaseKhaya: 2015–2019)



	0-9.9	10-19.9	20-29.9	30-39.9	40-49.9	50-59.9	60-69.9	70-79.9	80-89.9	90-100
2015	0.0	0.0	0.1	0.2	3.0	24.3	50.9	20.3	1.2	0.0
2016	0.0	0.0	0.1	0.2	1.7	15.6	48.5	31.6	2.4	0.0
2017	0.0	0.0	0.1	0.2	1.3	11.4	44.5	38.0	4.5	0.0
2018	0.0	0.0	0.1	0.2	1.5	10.4	38.8	42.0	7.0	0.1
2019	0.0	0.0	0.1	0.2	1.7	13.6	42.7	36.9	4.9	0.0

Year	0-9.9	10-19.9	20-29.9	30-39.9	40-49.9	50-59.9	60-69.9	70-79.9	80-89.9	90-100
2015	0.0	0.0	0.1	0.2	3.0	24.3	50.9	20.3	1.2	0.0
2016	0.0	0.0	0.1	0.2	1.7	15.6	48.5	31.6	2.4	0.0
2017	0.0	0.0	0.1	0.2	1.3	11.4	44.5	38.0	4.5	0.0
2018	0.0	0.0	0.1	0.2	1.5	10.4	38.8	42.0	7.0	0.1
2019	0.0	0.0	0.1	0.2	1.7	13.6	42.7	36.9	4.9	0.0

Le grafu ingasentla ibonakalisa ukuba kukho ukuhla kumgangatho wokuphumelela kunyaka wama-2019 kwiziphumo zesiXhosa uLwimi lwaseKhaya ngokwamanqanaba okuphumelela. Ukusukela kwizinga lesi-7, alisekho inani labaviwa abangene kwinqanaba le-90-100 leepesenti njengoko kwakunjalo ngowe-2018. Ngaphezulu, inqanaba le-7 lihle nge-(2.1), laze elesi-6 lehla nge-(5.1). Ukunyuka kwenani labaviwa kwinqanaba lesi-5 nge-(3.9) nelesi-4 nge-(3.2) nelesi-3 nge-(0.2) akuncumisi konke konke xa uthelekisa nonyaka ka-2018, kwaye kububungqina bokuba abo bebephumelele ngokuncumisayo kunyaka odlulileyo badilikele kumanqanaba angezantsi.

6.2 AMAGQABANTSHINTSHI NGENDLELA ABAQHUBE NGAYO ABAVIWA KWIPHEPHA LOKU- 1

Ukuphawula ngokuthe gabalala

(a) Kuphawuleka ukuba akukho ukuphucuka kwezakhono zokuphendula isicatshulwa sokuqonda kubaviwa kuba basathe gqolo ukusilela ekufumaneni ingxam yesicatshulwa, nto leyo eyenza ukuba basilele ukuza neempendulo ezifanelekileyo besebenzisa awabo amazwi.

(b) Abaviwa banemingeni yokuphendula isicatshulwa soshwankathelo nesokubonwayo.

(c) Kuyabonakala ukuba esinye sezizathu esibangela ukuba abaviwa bangaqhubi kakuhle kukusilela kulwazi lolwimi nto leyo ethi ibachaphazele kakubi ekutolikeni isigama esithile solwimi; umzekelo: izaci, amaqhalo, izafobe njalo njalo.

(d) Kuqapheleka ukuba abaviwa bayaqhwalela kwizakhono zokusetyenziswa kolwimi ngokuchanekileyo. Ngaphezulu neli iphepha malinikwe ithuba lokuhllaziywa.

6.3 UKUHLALUTYWA KWENDLELA ABAQHUBE NGAYO ABAVIWA KUMBUZO NGAMNYE KWIPHEPHA LOKU-1

UMBUZO 1: UKUFUNDELA UKUQONDA

Kuyaqapheleka ukuba abaviwa abakabi nazo izakhono ezifunekayo zokumelana nemingeni yovavanyo lokuqonda. Ezi zakhono ziquka ulwazi lweendidi ngeendidi zemibuzo ebuzwayo kolu vavanyo kwanomxholo womakufundiswe kuvavanyo lokuqonda.

Iimposiso ezixhaphakileyo nokungakuqondi okufunwa yimibuzo.

(a) Kusekho ukusilela ekuphenduleni ngokuchanekileyo kwimibuzo efuna iintsingiselo, basuka banike isifanokuthi njengakumbuzo 1.1.

(b) Lisekho iqaqobana labaviwa eloyiswa kukucaphula/ukuchonga ngokomyalelo onikwe kumbuzo, oku kusenokubangwa kukungawufundi ngokupheleleyo umbuzo/umyalelo.

(c) Umbuzo 1.4, 1.5 kunye no 1.6 abaviwa bafumene ubunzima ekunikeni intsingiselo yesivakalisi, negama ELINYE endaweni yebinzana, umzekelo '*uyihlo nonyoko.'*

(d) Kubekho ukusilela kwabanye abaviwa ekuphenduleni umbuzo ofuna bafumane ulwazi kwitekisi. Umbuzo 1.15. abaviwa babonakalise ubunzima ekucaphuleni ulwazi olukwitekisi obelufunwa kwaze kwakho ukusilela ekunikeni impendulo echanekileyo njengakumbuzo 1.13, 1.10 no 1.8. Umzekelo kumbuzo,1.10 bekulindeleke ukuba banike isizathu esifumaneka kumhlathi oxeliweyo baze abaviwa basilela ekuqapheleni amagama anika ulwazi ngesizathu akwakumhlathi anjengoo-'*kuba'* kwitekisi baza bacinga ukuba umbuzo usifuna kubo isizathu. Kwakhona, abakuthathelanga ngqalelo ukufunda umsebenzi webinzana, '*ngokwalo mhlathi'* elisembuzweni.

(e) Abaviwa babonakalise ukusilela ekuphenduleni umbuzo ofuna impendulo engu, 'Ndiyangqina/andingqini; ndiyaxhasa/ndiyachasa'. Bebesuka banike impendulo engu, 'Ewe/uHayi'. Le mpendulo ayicacanga kuba ayiniki ukuba umntu uyangqina na okanye akangqini. Okwesibini bebesuka bangakwazi ukuxhasa ngendlela ehambelana nempendulo abayinikileyo. Impendulo ibisuka iphikise kwale ayinikileyo.

(f) Umbuzo 1.11, abaviwa abaninzi babonakalise ukusilela ekuphenduleni umbuzo okweli zinga. Basilele ekuphawuleni ngokusetyenziswa kombuzo buciko. Kuyaqapheleka ukuba imibuzo efuna baphawule bayayoyika. Mabazame bade baqhele.

(g) Basokola ngakumbi kwimibuzo evavanya indlela olusetyenziswe ngayo ulwimi kwisicatshulwa. **Qwalasela uxwebhu lweNkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola** iphepha lama-26 phantsi kwesihlokwana, ***Ukuphuhliswa kwesigama nokusetyenziswa kolwimi***. Le mibuzo ifuna ulwazi lwesigama, ulwazi ngentsingiselo eziswa zizakhi ezifana nezimamva nezimaphambili, iimpawu zobhalo kwanokusetyenziswa kwezafobe. Oku kuphawuleke; **kumbuzo 1.7,** apho bekufunwa ingcinga eziswa kukusetyenziswa kwesakhi u '*ana*' kumagama '*kukoyikana'*, '*yokuhloniphana'* abakwazi ukunika mpendulo echanekileyo.

(h) Baninzi kakhulu abaviwa abasilele ekunikeni injongo yokusetyenziswa kwebinzana/ ingcinga eziswa libinzana. Umzekelo:

- Umbuzo 1.2, ubufuna abaviwa ukuba batyhile injongo yombhali ngokusebenzisa ibinzana, '*libhekisa kum nawe'*, abayichananga impendulo ethi '*Kukubethelela ukuba kubhekiswa kumntu wonke'.*

(i) Bakho abambalwa ababonakalise ingxaki malunga nokungqina uluvo lombhali kumhlathi. Uninzi lwabafundi lusahluleka kukuphendula imibuzo enika uluvo lomfundi njengakumbuzo 1.12 no 1.18, apho bekufuneka babone ukuba isicatshulwa B siyawuxhasa na umyalezo wesicatshulwa A.

(j) Bahluliwe kakhulu kwimibuzo evavanya ukusebenzisana kwezi tekisi zimbini zecandelo A. Abakwazanga ukunxulumanisa isicatshulwa A no B ongu 1.18. Umzekelo umbuzo ubufuna baphendule ukuba ingaba isicatshulwa B siyawuxhasa na umyalezo wesicatshulwa A. Lo mbuzo ubuxhomekeke ekufundisiseni, bathelekise, baqonde okuqulethwe yitekisi okanye umhlathi nalapha basilela.

(k) Abaviwa abakwazanga ukufunda, batolike itekisi ebonwayo engumfanekiso.

(l) Abaviwa babenengxaki yokungakwazi ukulandela imiyalelo yemibuzo. Umzekelo: xa bebuzwa umbuzo kubhekiswa kumgca othile okanye umhlathi, kulindeleke ukuba umviwa aye ngqo kuloo mgca okanye umhlathi athunyelwe kuwo.

(m) Kuyaqapheleka ukuba abaviwa abanaso isakhono sokuqwalasela umfanekiso /okubonwayo ukuze bafumane umxholo wawo phambi kokuba baphendule imibuzo. Baxhomekeka ekulawulweni yimibuzo ebuziweyo. Umzekelo, umbuzo 1.16, bekulindeleke ukuba abaviwa bahlalutye okuqhubeka emfanekisweni ukuze bafumane umxholo kodwa bafumana ubunzima kakhulu ekwenzeni oko.

Iingcebiso

(a) Kuyacetyiswa ukuba ootitshala bagqale ukufundisa ukufundela ukuqonda, baqinisekise ukulandela inkqubo yokufunda njengoko ichaziwe kwiphepha lama-24- 26 kuxwebhu **lweNkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola**.

(b) Izakhi zamagama mazifundiswe ngokusemxholweni kuqatshelwe ngakumbi intsingiselo nemisebenzi yazo kwintetho okanye isivakalisi. [**Jonga kuxwebhu lweNkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola, iphepha lama-26 phantsi kwesihlokwana esithi: Ukuphuhliswa kwesigama nokusetyenziswa kolwimi**.]

(c) Ootitshala mababakhuthaze abafundi ukuba basifunde kabini nangaphezulu isicatshulwa phambi kokuba baphendule imibuzo. Oku kuza kubanceda bakwazi okuqulathwe sisicatshulwa.

(d) Makugxininiswe ngakumbi kwiinjongo zokusetyenziswa kwezixhobo zesimbo ezifana nezafobe, umzekelo: kumbuzo buciko mabagqale ngakumbi imisebenzi yawo kulwimi gabalala.

(e) Kukhuthazwa ukuba abafundi bafundiswe ngeendidi neempawu zeetekisi nezangotshe ezihambelana nohlobo ngalunye lwetekisi. **[Jonga kuxwebhu lweNkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola iphepha lama-26, phantsi kokuphuhliswa kwesigama nokusetyenziswa kolwimi.]**

(f) Kubalulekile ukuba xa kusetwa imisebenzi engekho sesikweni yaseklasini kuvelelwe onke amanqanaba okuqonda, oko kuthetha ukuthi aphantsi, aphakathi naphezulu njengoko uxwebhu lokuhlola lukhokela. **(Examination Guidelines 2017)**

(g) Kubalulekile ukuba abafundi baqeqeshelwe indlela yokuphendula imibuzo. Mabaqheliswe ukucazulula umbuzo oqulethwe zizenzi ezikhethelwe ukubuza. Umzekelo: xa kusithiwa ***chonga*** kwahlukile naxa kusithiwa ***caphula***, *cacisa*/*chaza*, *phawula*, njalo njalo. Malunga nale ngxaki ootitshala mabaqwalasele uxwebhu **lweNKcazelo yePolisi yeSizwe yeKharityhulam nokuHlola** isahluko sesine ukufumana ingcaciso ezeleyo.

(h) Ootitshala bayacetyiswa ukuba banike abafundi imisebenzi emininzi engekho sesikweni enemibuzo efuna baphendule begxile kumgca othile okanye kumhlathi.

(i) Ukuxhasa inkqubo yokufunda, ukufundisa nokuhlola ezikolweni kuyakhuthazwa ukuba ootitshala basebenzise imithombo ngemithombo yolwazi ukuncedisa abafundi. Umzekelo: bangasebenzisa iincwadi ezimiselweyo, imibuzo yeminyaka edlulileyo njalo njalo.

(j) Kuyacetyiswa ukuba ootitshala baqinisekise ukuba kwimisebenzi yaseklasini umfundi ngamnye uyaziphendulela imibuzo ebuziweyo angahambi nempendulo yomfundi omnye ophendule umbuzo obheka kwiklasi. **Naxa kusenziwa uhlaziyo masicaciswe ngokupheleleyo isizathu sokuba impendulo enikwayo ibe yiyo echanekileyo.**

UMBUZO 2: UKUSHWANKATHELA

Iimposiso ezixhaphakileyo nokungakuqondi okufunwa yimibuzo.

(a) Basebaninzi abaviwa ababhala impendulo bengekazazi ukuba iingongoma abazifunayo zimalunga nantoni, nto leyo ecacisa ukuba abawufundisisanga umhlathi lowo bacaphula kuwo. Abo babonakala ngokucaphula isivakalisi sokuqala kumhlathi ngamnye. Babonakalisa kakhulu ukuxhomekeka kumhlathi.

(b) Abaviwa abathile basenengxaki ekuchongeni iingongoma eziphambili kwisicatshulwa eso baza kusishwankathela, endaweni yoku bachonga iingongoma ezixhasayo bayishiye le ingundoqo ingongoma.

(c) Abanye abaviwa abayithatheli ngqalelo imiyalelo yokushwankathela. Umzekelo: ukushwankathela ngokomhlathi njengoko kulindelekile kubaviwa bolwimi lwaseKhaya hayi ngeengongoma.

(d) Bakho abathatha amabinzana kwingongoma bangayithathi yonke baze baziphosanise namanqaku kuba ngamanye amaxesha bashiye elona binzana lingundoqo.

(e) Bambi abaviwa ababhali ngokomyalelo ofuna inani elithile lamagama amabawasebenzise. Oku kuyabachana kuba kuye kufumaniseke ukuba ingxam yesishwankathelo sakhe ikwelinani adlulise ngalo nelithi lingakorekishwa. **(Umyinge wesishwankathelo ngamagama angama-70).**

(f) Kuphawuleka kweli phepha likaNovemba 2019 ukuba isekhona imbinana yabaviwa abathi xa beshwankathela isicatshulwa esinomxholo abawaziyo, baphendule gabalala bengasebenzisi itekisi abayinikiweyo.

Iingcebiso

(a) Abafundi mabaqale bafunde imiyalelo yoshwankathelo kuqala phambi kokuba bafunde isicatshulwa soshwankathelo njengoko idla ngokubhalwa, de maxa wambi ibhalwe ngqindilili nto leyo ebonakalisa ukubaluleka kwayo. Makuqatshelwe ukuba abafundi abanakuqala ngokufunda itekisi yoshwankathelo bengekafundi ukuba injongo yabo yokufunda nokushwankathela ithini.

(b) Mabaqaphele ukuba ukushwankathela ikakhulu kufuna isakhono sokukhangela iingongoma ezithile ezihambelana nokufunwa ngumbuzo woshwankathelo, umzekelo (**iindlela zoku…/ iingcebiso malunga**…). Mawufunwe ufunyanwe ukuze aye ngqo apho kukho ingongoma.

(c) Mabaqinisekise ukuba iinkcukacha ezixhasa ingongoma ephambili azithathwa njengengongoma ephambili.

(d) Kuyacetyiswa ukuba ootitshala mabakhuthaze abafundi ukuba basifunde isicatshulwa kabini nangaphezulu phambi kokuba basishwankathele.

(e) Zakufunyanwa iingongoma ezo mazilungelelaniswe zenze umhlathi kodwa oko kubhalwayo kungayitshintshi injongo yombhali.

(f) Makusoloko kusetyenziswa izivakalisi eziphele leyo ezifutshane hayi amabinzana xa kubhalwa umhlathi. Nalo umsebenzi mawuhlelwe njengeminye ukuqinisekisa ukuba awunazimposiso.

(g) Kucetyiswa ukuba ootitshala banike abafundi imisebenzi emininzi engekho sesikweni ebudeni bonyaka ukuze baqhelane nendlela efanelekileyo yokushwankathela besebenzisa isikhokelo sokuhlola esixela ukuba mabashwankathele njani. **(Examination Guidelines 2017).**

(h) Kuyacetyiswa ukuba basebenzise isikhokelo sokumakisha isishwankathelo ukuncedisa nokufundisa abafundi indlela yokushwankathela.

(i) Kuyacetyiswa ukuba ootitshala bagxile ekufundiseni abafundi indlela yokwakha izivakalisi. **(Jonga kuxwebhu lweNkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola Isahluko sesi-3 izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi esetyenziswayo kwinkqubo yokubhala amaphepha 34-35).**

(j) Bangaqheliswa nokuzimakisha abafundi okanye ukumakishana kwabodwa ukuze baqhele ukuyibona into engamkelekanga kushwankathelo.

UMBUZO 3: UKUHLALUTYA IINTENGISO

Iimposiso ezixhaphakileyo nokungakuqondi okufunwa yimibuzo

(a) Baqhokrwe kakhulu kukungakwazi ukuqaphela intsingiselo eziswa ligama kwisibhengezo. Umbuzo 3.3 ubufuna banike intsingiselo eziswa ligama, '*entsha'* kumxholo wesibhengezo ntengiso.

(b) Abasazanga isizathu sokusetyenziswa komfanekiso wentombazana nemoto entle kule ntengiso **–** umbuzo 3.4

(c) Umbuzo 3.5: Abaviwa babonakalise ukungakwazi ukunika ingcinga eziswa kukuphindaphindwa kwegama, '*Hlala*' elikwisibhengezo ntengiso kuba bebenika intsingiselo yalo.

(d) Umbuzo 3.7: Kuyaqapheleka ukuba abaviwa abaninzi basilele ukuphendula ngokwengqiqo yabo malunga nale pesenti bebebuzwa ngayo, basuka bazathuze ngobuhle bentombazana okanye bemoto ingxoxo yabo bengayisekanga kule pesenti. Kwakhona ukungqina kwabo kusebenzisa u'Ewe' no 'Hayi' kuze ukuxhasa kwabo kuhambele kude nempendulo ayinikayo.

Iingcebiso

(a) Abafundi mabafundiswe ngeempawu eziphambili zentengiso nendima eziyidlalayo.

(b) Abafundi mabafundiswe ukuqaphela ulwimi oluqhathayo, izixhobo ezisetyenziswa ngabathengisi ukuze baqhathe abathengi. Mawuqatshelwe umsebenzi wezi zixhobo intsingiselo yazo kwakunye nenjongo yazo kungenjalo ifuthe lazo.

(c) Iimpawu zetekisi ziya kuhlala zitshotsha phambili kufundo lwezi ndidi zeetekisi. Mabaqhele abafundi ukwazi umahluko phakathi kwesibhengezo nekhathuni bayenze budlala loo nto ukuze iimpawu ezifana nezilogani neelogo zihlale zinkenteza kwiintloko zabo.

(d) Mabawazi umahluko phakathi komsebenzi welogo gabalala kwakunye nomsebenzi welogo **kwesi isicatshulwa**. Lo ukwisicatshulwa uhambelana ngqo nemveliso ethengiswa sisibhengezo kanti ogabalala uya kuthi uxela umzi mveliso owenza le mveliso/ uxela ukuba yeyakwabani imveliso, kanti lo ubufuna impendulo ethi 'uxela ukuba yeyakwabani-umzimveliso ongqalileyo wale mveliso'.

(e) Kuyacetyiswa ukuba ootitshala mabagxile kakhulu ekufundiseni ulwazi olunzulu lolwimi phambi kokuba bafundise abafundi isakhono sokucazulula intengiso.

(f) Kuyacetyiswa ukuba ootitshala mababanike abafundi uluhlu lwemisebenzi yentengiso engekho sesikweni ebudeni bonyaka ngenjongo yokubaqhelanisa ukuze balungele iimviwo.

(g) Abacebisi besifundo kumaphondo bayakhuthazwa ukuba babancedise ootitshala ukuphucula izakhono zokuhlalutya intengiso khonukuze bazokwazi ukuphucula ezabafundi.

UMBUZO 4: UKUHLALUTYA IKHATHUNI

Iimposiso ezixhaphakileyo nokungakuqondi okufunwa yimibuzo.

(a) Kuyaqapheleka ukuba abaviwa abaphendulanga kakuhle konke konke kulo mbuzo Kuyabonakala ukuba kukho ukulambatha kwisakhono sokufunda nokucazulula ikhathuni. Umzekelo: abakwazanga ukuba iimpawu zokhuzo zidlulisa ngcinga ni njengoko benzile kumbuzo 4.4.

(b) Umbuzo 4.3, abaviwa abathile basilele kwintsingiselo yegama '*isithomo'*. Mhlawumbi intsingiselo yeli gama iduke ngenxa yokukhumsha.

(c) Kube kuninzi ukungaqondi '*ingcinga ebethelelekileyo*' kungathi kanti oku kuqhutywa kukuba olu ilulwimi abangaluqhelanga kwimfundo emalunga neekhathuni.

Iingcebiso

(a) Kuyacetyiswa ukuba zonke iimpawu zekhathuni mazifundiswe ngootitshala phambi kokuba kufundiswe/ kuhlalutywe ikhathuni.

(b) Iinkcukacha ezibonwayo ziya kusoloko zibalulekile kwikhathuni mihla le mabaqheliswe ukuziqaphela. Bangabhala nebalana ngekhathuni ukusuka kwisakhelo soku-1 ukuya kwesokugqibela.

(c) Udaba lobuso kunye neempawu ezibubungqina bovakalelo oluthile zingundoqo, mazihlale zifundiswa kwikhathuni.

(d) Mabaqheliswe ukubona ukungaqheleki/eyona nto ihlekisayo/iphoxisayo/ibaxiweyo /isisigqebelo kwikhathuni njalo njalo kuba nayiphi na inentsingiselo okanye inento eyithethayo.

(e) Ootitshala mababanike abafundi uluhlu lwemisebenzi yekhathuni engekho sesikweni ebudeni bonyaka ngeenjongo zokubaxonxa ukuze balungele naluphi na uvavanyo/uviwo abaza kuthi bahlangane nalo.

(f) Kwakhona kuyacetyiswa ukuba ootitshala mabasebenzisane nezinye izifundo ezifana nezembali njengoko nazo zibafundisa ngezakhono zokucazulula iikhathuni.

(g) Abacebisi bayakhuthazwa ukuba babancedise ootitshala ukuphucula izakhono zokuhlalutya ikhathuni khonukuze bazokwazi ukuphucula ezabafundi.

UMBUZO 5: UKUSETYENZISWA KOLWIMI NGOKUCHANEKILEYO NOKUHLELA

Iimposiso ezixhaphakileyo nokungakuqondi okufunwa yimibuzo

(a) Iyaxhalabisa indlela abaviwa abaqhuba ngayo kulo mbuzo kuba akukuhlanga kwaphela. Le meko ayitshintshi unyaka nonyaka iya ibamaxongo.

(b) Kuyaqapheleka ukuba bayalambatha kakhulu abaviwa kulwazi lokusetyenziswa kolwimi ngokuchanekileyo.

(c) Umbuzo 5.1, abaviwa abayazanga intsingiselo yegama 'yegolide' ngokomxholo wetekisi.

(d) Umbuzo 5.2, abakwazanga ukwenza isivakalisi esineenjongosenzi ezimbini.

(e) Umbuzo 5.3 abawazanga umsebenzi wesakhi salathandawo.

(f) Umbuzo 5.5, kubabhuqile ukunika udidi lwesibanjalo, '*banoyolo'*.

(g) Kusekho ingxaki kubaviwa xa kuthiwe mabaxele indlela esisetyenziswe ngayo isifanekisozwi.

(h) Kubasokolisile kakhulu ukukhetha igatya eliyintloko kwisivakalisi abasinikiweyo.

Iingcebiso

(a) Mazifundiswe eklasini izakhi nemigaqo yolwimi nentsingiselo yazo naxa kufundwa uncwadi. Loo nto ithetha ukuba mazifundiswe ziqukwa kwezinye izakhono.

(b) Ngokwakuxwebhu lwe**Nkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola** kuyacaciswa ukuba ulwimi lusetyenziswa, lufundwe ngokusemxholweni olusetyenziswe kuwo kwakunye nakwezinye izakhono. Mawulandelwe lo mbono ungundoqo weKharityhulam.Kuyacetyiswa ukuba abafundi mabanikwe imisebenzi yolwimi rhoqo, ikorekishwe beboniswa iimposiso zabo, banikwe ingxelo ukuze ekugqibeleni benze izilungiso.

(c) Ootitshala mabafunde kuxwebhu **lweNkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola** kwiphepha 11-12 no 104-106 apho kucaciswa ngendlela yokufundisa ulwimi nezinto emazifundiswe ezikolweni ukuqala kwibanga le-10 ukuya kwibanga le-12.

(d) Kwakhona ootitshala mababelane ngolwazi namava abawazuza kumaziko okukorekisha ukuphela konyaka ukuze bonke ootitshala babekumgangatho omnye.

(e) Ootitshala nabacebisi besifundo bayakhuthazwa ukuba benze uhlaziyo besebenzisa amaphepha eminyaka edluleyo kunye namacwecwe azii '*Second chance disks'* asuka kwaDBE- KwaNdlunkulu.

(f) Ootitshala mababasebenzise abafundi abazaziyo izakhi nemigaqo yolwimi ukuncedisa kule ngxaki.

(g) Abacebisi besiXhosa mabancedise ootitshala ngendlela yokufundiswa kolwimi ngokusemxholweni.

(h) Kukhuthazwa ukuba ootitshala mababakhuthaze abafundi ngokuthi bakhuphisane ngezinto ezifana neentetho ezilungiselelweyo, ingxoxo-mpikiswano njalo njalo ukwakha, ukukhulisa isigama nolwazi olunzulu lolwimi lwabafundi nokusebenzisa ulwimi ngendlela efanelekileyo.

(i) Abacebisi besifundo bayakhuthazwa ukuba mababancedise ootitshala ekwakheni amaqela okufunda ezikolweni naweengxoxo-mpikiswano (*reading clubs and debating societies*) nokuba kubekho amaxesha amiselweyo okufunda (*Drop everything and read)* ngenjongo yokukhuthaza ukufunda nokuphucula ulwimi lwabafundi.

6.4 AMAGQABANTSHINTSHI NGENDLELA ABAQHUBE NGAYO ABAVIWA KWIPHEPHA LESI-2

Ukuphawula gabalala ngephepha

(a) Baqhube kakubi noko abaviwa kweli phepha xa kuthelekiswa neziphumo zonyaka wama-2018 noxa bekhona abathile abafumene amanqaku afanelekileyo njengoko iluLwimi lwabo lwaseKhaya olu.

(b) Indlela abaphendula ngayo abaviwa kweli phepha ibonakalisa ukuba abafundi abazifundi iincwadi, baphendula ngokungathi bazibaliselwe. Loo nto ibonakalisa ukuba abaziniki ithuba lokuzifunda

(c) Ukungafundwa kweencwadi ngabaviwa kwenza ukuba nokuba sele benikwe itekisi bangakwazi ukuyiphendula imibuzo esekwe kwincwadi koko baphendule ngokunga baphendula imibuzo yesicatshulwa sokuqonda. Kwakhona oku kuphinda kube ngunobangela wokuba babhidanise abalinganiswa. Oko bekwenza ngokuthi babhale igama lomlinganiswa okwenye incwadi xa bephendula enye.

(d) Abaviwa basilele kakhulu kwimibuzo efuna izixhobo zohlalutyo kuzo zonke iijenra zoncwadi.

(e) Bakhona abaviwa abaqhube kakuhle ngenxa yokuzinika ithuba lokufundisisa iincwadi abazalathelweyo, nto leyo ebonakala kwindlela abaphendule ngayo nabaqokelele ngayo amanqaku

(f) Kuwo onke amacandelo eli phepha kuya kusanda ukuqhwalela ekukhetheni imibuzo ngokwemiyalelo. Loo nto iwenza abe phantsi amanqaku eli phepha.

(g) Bafumana ubunzima abaviwa ukuphendula imibuzo efuna intsingiselo, udidi loncwadi, nenjongo yombhali, oku kubonisa ukulambatha kulwimi loncwadi.

6.5. UKUHLALUTYWA KWENDLELA ABAQHUBE NGAYO ABAVIWA KWICANDELO NGALINYE KWIPHEPHA LESI-2

Iimposiso ezixhaphakileyo nokungaqondi okufunwa yimibuzo.

ICANDELO A: ISIHOBE
IMIBUZO 1-5

(a) **Umbuzo 1: Osisincoko.**

Kuqapheleka ukuba abaviwa baqhwalele kakhulu ukunamathela kobekufunwa ngumbuzo, ukutyhila isigama esibonisa indlela ohamba ngayo umlambo, oko kukuthi isiqalo nesiphelo somlambo. Endaweni yokutyhila isigama bebesuka bashwankathele umbongo bangayisi so imiqolo equlethe esi sigama kufuneka basicazulule. Bambi bebekhuphela umbongo unjalo bangazihluphi ngakutolika nto. Abanye bebebonakalisa ukungazi kwambongo lowo basuke batsalwe ngumrhiba wokuthetha ngomlambo gabalala bengazi nentsingiselo yesigama esisetyenziswe kule miqolo yalo mbongo.

(b) **Umbuzo 2.1, 3.1, 4.1.**

Basekho abaviwa abaninzi abangayazanga intsingiselo eziswa kukuphindaphindwa kwemiqolo, izihlomelo namabinzana.

(c) **Umbuzo 2.2, 3.2, 4.2.**

Baninzi abaviwa abangayazanga indlela olwenziwe ngayo undindwano olukwisicathulwa sombongo belahlwa nje ligama ‘undindwano’.

(d) **Umbuzo 2.3, 3.3, 4.3, 5.5.**

Uninzi lwabaviwa alukwazanga ukuphendula lo mbuzo ngokuchanekileyo. Abanye abakwazanga ukuchaza okuphuhliswa ngumfanekiso ntekelelo. Abaviwa abaninzi basoyiswa kukunika intsingeselo yomfanekiso ntelekelelo kumbongo.

(e) **Umbuzo 2.5,3.5,4.5:**

Abaviwa basasilela ekunikeni injongo yembongi ngokuchanekileyo. Oku kubonakala ngokuba basuke banike indima edlalwa yimbongi xa ibongayo.

Iingcebiso

(a) Ootitshala mabagxile ekufundiseni ukuhlalutya ngaphezu kokunika abafundi iimpendulo esele zivuthiwe ngohlalutyo lombongo ngamnye. **Kwakhona, ootitshala mabaqinisekise ukuba abaxhomekeki kumanqakwana anikwe ezantsi kombongo kwincwadi yemibongo emiselweyo kuba awasoloko echanekile.**

(b) Ootitshala bayacetyiswa ukuba bagxile kwezi zixhobo zohlalutyo xa besenza izifundo malunga nesihobe; intsingiselo engundoqo nefihlakeleyo, imo, umongo nemfundiso, umyalezo, umfanekiso ngqondweni, umfanekiso ntelekelelo, izafobe, uchongo lwamagama, ithoni, imiqondiso, imvakalelo, izitanza, amalungu, iimpawu zokubhala, uphindaphindo, imfano-zandi, imvano-siqalo, imvano-siphelo, isingqisho, isifanadumo, i-enjambamenti (*enjambment*) nenjongo. (**Jonga kwiphepha lama - 27-28 kuxwebhu lweNkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola)**.

(c) Kucetyiswa ukuba ootitshala banike imisetyenzana yaseklasini yokuhlola le miba imalunga nesihobe; intsingiselo engundoqo nefihlakeleyo, imo, umongo nemfundiso, umfanekiso ngqondweni, umfanekiso ntelekelelo, izafobe, uchongo lwamagama, ithoni, imiqondiso, imvakalelo, izitanza, amalungu, iimpawu zokubhala, uphindaphindo, imfano-zandi, imvano-siqalo, imvano-siphelo, isingqisho, isifanadumo ne-enjambamenti njalo njalo emva kokufundisa nawuphina umbongo ukuze abafundi bakwazi ukuzichonga bazi injongo nefuthe lokusetyenziswa kwazo.

(d) Abacebisi mabancedise ootitshala ngokubaxonxa ngeendlela zokufundisa isihobe nokuseta imibuzo.

(e) Bayacetyiswa ootitshala ukuba kumsebenzi wesi-6 woncwadi baqhelise abafundi ngendlela yokukhetha imibuzo. Le nto baya kuthi bayenze ngokuthi babanike uluhlu lwemibuzo amabakhethe kuyo. Umzekelo, abafundi banikwe umsebenzi onemibongo emihlanu bakhethe njengoko uxwebhu lokuseta luyalela **(Examination guideline 2017).**

ICANDELO B NECANDELO C: INOVELI / UNCWADI LWEMVELI NEDRAMA

(Imibuzo esisincoko soncwadi nemifutshane)
Iimposiso ezixhaphakileyo nokungaqondi okufunwa yimibuzo

Kula macandelo abaviwa bakhetha imibuzo ibe mibini; osisincoko soncwadi kunye nomfutshane kwijenra enye, kwicandelo elinye ngeli xesha kufuneka bayikhethe kwijenra ezahlukileyo ezikwicandelo B nakwicandelo C.

ICANDELO B: INOVELI NONCWADI LWEMVELI

Imibuzo 6,8,10,12: Imibuzo esisincoko soncwadi

(a) Kwinoveli ethi 'Inkawu idliw'ilila', abaviwa boyisiwe kukutolika umbuzo ofuna bangqine ukuba inoveli 'Inkawu idliw'ilila yinoveli engolwaphulo mthetho. Kuphawuleke ukuba endaweni yokuba iingxoxo zabo ziqhutywe lulwazi lweempawu zolu didi lwenoveli bebesuka babalise lonke ibali lale noveli, kungenjalo baqamele ngophawu olunye olungacaciswanga ngokupheleleyo lokuba incwadi ineziganeko zolwaphulo mthetho batyondyothe besenza uluhlu lweziganeko zolwaphulomthetho ezingabancedisanga kuyaphi. Kaloku zona zezokuxhasa uphawu oluthile

(b) Abangazi nto ngebali bakhuphele zonke izicatshulwa ezikwiphepha lombuzo ngokobunjalo bazo.

Umbuzo 7; 9 &11: Imibizi emifutshane yenoveli

(a) Umbuzo 7.3, 9.3 & 11, 3:
Abaviwa abaninzi abakwazanga ukucacisa ifuthe lomxholwana kumxholo wenoveli.

(b) Umbuzo 7.6, 9.6, 11.6 & 13.7:
Abaviwa babonakalise ukungalazi inqanaba lesakhiwo sebali basuka bathi linqanaba lokuqala/ eliqalayo/eliphezulu/ ukuyondelelana kwezinto okanye uvuthondaba.

(c) Umbuzo 7.9, 9.9 ,11.9 & 13.3
Abaviwa babonakalise ukungazazi iimpawu zesicatshulwa esibhalwe ngokwemo yenoveli/yentsomi.

(d) Umbuzo 7.11:
Abaviwa babonakalisa ukungazazi izafobe, iindidi zazo. Kwakhona, kubekho ukungakholelwa xa impendulo isithi esi safobe sisigqebelo. Isigqebelo masaziwe ukuba siludidi lwesafobe asingomthuzimele.

(e) Umbuzo 9.1:
kwinoveli 'Nyana Wam! Nyana Wam' abalubonanga ubaxo

ICANDELO C: IDRAMA

Umbuzo 14 &16: Imibuzo esisincoko sedrama

(a) Kule mibuzo ubuninzi babaviwa busilele ekuwuphenduleni ngokuzeleyo li mibuzo kuba bebesuka bajolise impendulo kwimpixano engacaciswanga ukuba yeyangaphandle okanye yeyangaphakathi, bangafikeleli kwindima edlalwe luthando okanye indlala kwimpixano ekwezi drama. Abakwazi ukohlula phakathi kwempixano nomxholo.

(b) Babonakalise ukunqongophala kolwazi ngolwimi olusetyenziswayo ukubhala ngempixano. Ulwimi oludandalazisa ifuthe lothando/ indlala kwimpixano belunqongophele kwizincoko, zidikidiki ingekho ithoni evuselela uvakalelo kofundayo malunga nokudaleka kwempixano.

(c) Isakhiwo semihlathi sisabalulekile, uluvo ngalunye luhlaliswe kumhlathi walo kubekho ukwakhelana nokuthungelana kwemihlathi nto leyo ebonakakisa ukungabinaso isakhono sokucwangcisa isincoko sabo soncwadi.

Iingcebiso

(a) Abafundi mabafundiswe iindlela zokubhala isincoko soncwadi. Mayisoloko isezingqondweni zabafundi into yokuba babhala okunokuphikiswa nangubani yiyo le nto kufuneka umviwa abhale ngokungathi uphendula umntu omphikisayo ngale mbono abhala ngayo, aphuhle kungabikho nto isafuna ukucaciswa.

(b) Mabafundiswe ukuxoxela icala lengxoxo abalikhethayo kwaye bazixhase ngeziganeko/iimpawu ezibonakala encwadini bangaxoxi nje ngathi bancokola ngomxholo othile. Mabakhunjuzwe ukuba uluhlu lweziganeko aluyiyo ingxoxo lulodwa maluxhase ingxoxo.

(c) Mabafundiswe intshayelelo nesiphelo okanye ubume besincoko soncwadi.

(d) Mabafundiswe ithoni, isimbo nolwimi oluhambelana nejenra ebhalwayo.

(e) Ootitshala nabacebisi besifundo mabasebenzise amaphepha emibuzo eminyaka edlulileyo ukufumana iziqu zemibuzo bakuqgiba ukuyifundisa incwadi ngokupheleleyo.

(f) Mabaqheliswe ukuba ukuze bakwazi ukubhala nasiphi isincoko okanye baphendule nawuphi umbuzo mabazi amahlandinyuka omlinganiswa ngamnye encwadini kuba nokuba umbuzo ufuna impixano okanye nawuphi umbuzo onxulumene nomxholo, olu lubalulwazi olubalulekileyo. Lilonke, kubalulekile ukucazulula benze izishwankathelo zabo ngemingeni yomlinganiswa ngamnye neendlela aphuma ngazo kwingxaki nganye angena kuyo. Mababhale iingxaki nezisombululo ezisetyenziswe ngumlinganiswa ngamnye ebalini

IMIBUZO EMIFUTSHANE YEDRAMA
UMBUZO 15 & 17

(a) Umbuzo 15.1&17.1: Abaviwa babonakalise ukungasiqapheli isigama esityhila uqhankqalazo/unk wintsho kwezi drama zombini.

(b) Umbuzo 15.2&17.2: Iingcinga evuselelwa ngamazwi abakwazi ukuyicingela abaviwa kwaphela. Banika uvakalelo lomlinganiswa endaweni yengcinga evuselelekayo.

(c) Umbuzo 15.3 &17.3: Abaviwa abamazi unobangela wempixano/ifuthe lokuxabisa izinto ezithile nga phezu kwezinye ebalini.

(d) Umbuzo 15.4 &17.4: Awaziwa amanqanaba esakhiwo sebali kwaphela.

(e) Umbuzo 15.5 & 17.5: Abaviwa babonakalisa ukungazazi iindidi zabalinganiswa konke konke.

(f) Umbuzo 15.7 & 17.7: Iimpawu zedrama kubonakala ukusilela ekuziqondeni abaviwa.

(g) Umbuzo 15.10 & 17.10: Abaviwa basokola nokuchaza isimo sentlalo esityhilwa kwisicatshulwa.

(h) Umbuzo 15.11 & 17.11: Abaviwa abakwazi ukunika iimpawu zomdlalo oyintlekele nto leyo engunob angela wokuba bangakwazi ukuluxhasa udidi lwedrama.

(i) Umbuzo 15.12 & 15.12: Abakwazi ukuchaza uvakalelo oludizwa ngamazwi omlinganiswa.

(j) Kwiimpendulo zedrama gabalala abaviwa banesimbo sokusebenzisa izimelabizo endaweni yokubiza ngqo okuthethwa ngako. Bakhala ngamagama afana no 'mama wakhe', yona, bona' kusale kungekho gama kunokubanjelelwa kulo.

(k) Kwiimpendulo zedrama gabalala, abaviwa basebenzisa isigama esingachanekanga esitshintsha intsingiselo yebali baze bangawafumani amanqaku umzekelo bathi, 'bathethe ngempixano gabala la bangayivelisi indima yothando ekuyikhuliseni'. Kwiimpendulo zabo abaylubhentsisi uthando lukaGugulethu kuNomaMpondomise ukuze lubonwe nanguthathatha kuba wayexolele ukujinga iliso kunokuba aphulukane nentombi esenyongweni kuye.

Iingcebiso

(a) Abafundi mabafundiswe ukucinga ngezenzo kwisiphelo somlinganiswa kuyo nayiphi incwadi abayifundayo.

(b) Ukufikelela kwimibuzo emalunga nengcinga evuselelekayo, mabenziwe rhoqo baxoxe ngokuba intetho/ isenzo sabalinganiswa sibenza bacinge ntoni ngaye.

(c) Abacebisi mabancedise ootitshala malunga neendlela zokufumana ulwazi olumalunga neendidi zeenoveli, iindidi zedrama, iindidi zabalinganiswa, iindidi zemibongo, iindidi zempixano, izafobe, isimo sentlalo, iindima zabalinganiswa, njalo njalo.

(d) Phambi kokuba ihlalutywe incwadi eklasini ootitshala mabaqinisekise ukuba incwadi ifundiwe ngabafundi. Oku bangakwenza ngokuthi banike abafundi uvavanyo olunjongo yalo ikukuhlola ulwazi lwebali. Lungamakishwa eklasini ze utitshala alandelele abo bafundi bangenzanga kakuhle kungenjalo, basungule unyaka ngokubhalwa kweerivyu zale ncwadi imiselweyo bayifundayo.

(e) Ootitshala mababakhuthaze abafundi ukuba bazifunde iincwadi khonukuze bakwazi ukuphendula nawuphina umbuzo abanokudibana nawo.

(f) Ootitshala mabagxile kwezi zinto zilandelayo xa befundisa ezi ncwadi: isakhiwo, isakhiwana, impixano, ukuzotywa kwabalinganiswa, indima yombalisi, umongo nemfundiso, isimo sentlalo, imo nethoni, isigqebelo, izalathiso zaseqongeni, ukulandelelana kweziganeko nemiyalezo.

(g) Kuncwadi lwemveli ootitshala kulindeleke ukuba bagxile kule miba ilandelayo: izibongo zomthonyama, iindidi zeengoma, izaci namaqhalo, iintsomi, amaqhina neziduko. Ootitshala mabaqaphele ukuba ukuhlalutywa nokufundiswa kwentsomi kuyafana nokuhlalutywa nokufundiswa kwenoveli.

(h) Abacebisi besiXhosa mabancedise ootitshala ngokubaxonxa ze babanike imizekelo yemibuzo abanokuthi bahlangane nayo ukuze benze abafundi bakulunele ukubhala iimviwo zabo zokuphela konyaka. (**Jonga kwiphepha lama-28-30 kuxwebhu lweNkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola).**

(i) Kwakhona, ootitshala mababelane ngolwazi namava abawazuza kumaziko okukorekisha ukuphela konyaka ukuze bonke ootitshala babekumgangatho omnye.

(j) Abafundi mabanikwe imisebenzi yoncwadi rhoqo, ikorekishwe, banikwe ingxelo eyakhayo ukuze ekugqibeleni benze izilungiso kwimposiso zabo.

(k) Ootitshala mabasebenzise irubrikhi ngendlela efanelekileyo njengesixhobo sokunika amanqaku kwimibuzo emide yoncwadi.

(l) Le misetyenzana kucetyiswa ukuba isetwe ngokwamanqanaba onke okuqonda, aphantsi, aphakathi naphezulu (40:40:20).

(m) Kwizikolo ezifundisa uncwadi lwemveli kucetyiswa ukuba ootitshala mabafundise iintsomi nezibongo abazalathelweyo njengoko zidwelisiwe kuxwebhu oluthi; ***Circular S15 of 2014, Isihlomelelo A iphepha lesi-2.***

6.6 AMAGQABANTSHINTSHI NGENDLELA ABAQHUBE ABAVIWA KWICANDELO NGALINYE KWIPHEPHA LESI-3

Ukuphawula gabalala ngephepha

(a) Abaviwa abaninzi baphumelele ukusukela kwinqanaba lesi-4 ukuya kwelesi-6.

(b) Bambalwa kakhulu abaviwa abaphumelele kwinqanaba lesi-3 nelesi-7.

(c) Abafundi abaphumelele kwinqanaba lesi-3 nelesi-4 ngabo bangaphendulanga ngokwemiyalelo yombuzo kuquka nokuphuma emxholweni wetekisi.

(d) Kuqapheleka ukuba abafundi abaphumelele kwinqanaba loku-1 nelesi-2 ngabo baphendule imibuzo emibini endaweni yemibuzo emithathu kunye nabo baneengaxki ezifana nokukhuphela zonke izihloko zephepha lemibuzo, ukuphendula yonke imibuzo ngolwimi lwesiNgesi.

(e) Kulindeleke ukuba abaviwa basebenzise izakhono zolwimi abazifumene kwiphepha lokuqala nelesibini. Bayakhuthazwa ke ngoko ukuba balilungiselele eli phepha.

(f) Abaviwa mabaqiqe phambi kokuba bachonge isihloko esifanelekileyo.

(g) Abaviwa mabaqiniseke ngemo yodidi ngalunye lwesincoko okanye umhlathi nanjengoko kulindeleke oko xa bebhala eli phepha.

6.7. UKUHLALUTYWA KWENDLELA ABAQHUBE NGAYO ABAVIWA KWICANDELO NGALINYE KWIPHEPHA LESI-3

ICANDELO A: IZINCOKO

Iimposiso ezixhaphakileyo nokungakuqondi okufunwa yimibuzo

(a) **Umbuzo 1.1: Konwatywa ekhaya ngaloo mini**

Abaviwa abaninzi bawuphendule lo mbuzo kwaye baqhube kakuhle kakhulu nangona abanye bebethetha ngebali elineziganeko zeemini ezininzi ndaweni yokuba bathethe ngebali lemini enye nto leyo ebenze balahlekelwa ngamanqaku.

(b) **Umbuzo 1.2: Ilizwe emva kwemvula**

Bambalwa kakhulu abaviwa abawuphenduleyo lo mbuzo. Abanye abawuphenduleyo bavelele icala lobuhle kuphela nto leyo ebangele ukuba baphelelwe ngamanqaku okuthetha bengafikanga kumthamo olindelekileyo nto leyo ebangele ukulambatha kwamanqaku omxholo.

(c) **Umbuzo 1.3: Uchulumanco lokunceda abanye abantu.**

Bambalwa kakhulu abaviwa abawuphenduleyo lo mbuzo. Abawuphenduleyo abaqhubanga kakuhle kakhulu kuba bathetha ngezinto gabalala abathethi nto ngochulumanco nanjengoko bekulindelekile. Abanye abathetha ngochulumanco abaludibanisi nokunceda abantu. Abanye abaviwa babhala ngebali losizi ndaweni yokuba babhale ngebali elenza konwatywe ngaloo mini. Abanye baphikisana nesihloko ngokuthi babhale ngento ebuhlungu bakugqiba bachulumancele iziphumo ezibuhlungu.

(d) **Umbuzo 1.5: Itekhnoloji ezikolweni**

Abaviwa abaninzi bawuphendule kakuhle lo mbuzo nangona bekhona ababhale ngetekhnoloji jikelele endaweni yokuba bathethe ngayo ezikolweni.

(e) **Umbuzo 1.6: Ukuvota kolutsha kungawenza umahluko kwintlalo yoluNtu.**

Abaviwa abaninzi abawuphendulanga lo mbuzo, abo baphenduleyo babhala ngokuvota gabalala abangena kumahluko ongenziwa lulutsha kwintlalo yoluntu.

ICANDELO B: IMIHLATHI

Iimposiso ezixhaphakileyo nokungakuqondi okufunwa yimibuzo.

(a) **Umbuzo 2.1: Ileta esesikweni**

Baqhube kakuhle abaviwa kulo mbuzo. Kukuhle kunjalo kodwa ikho imbinana engekakwazi ukubhala idilesi, babhala inombolo yebhokisi neyesitalato ngaxeshanye. Abanye bawuphosile umxholo bacela umsebenzi endaweni yokucela indawo yokufunda.

(b) **Umbuzo 2.2: Inqaku lephephandaba**

Abawuphendulanga kakuhle lo mbuzo, abaviwa bayibhale kakuhle ifomathi nangona umyalelo bengawulandelanga kuba kufunwa bathethe ngeethabhulethi bona bafakele iikhomputha ezifike ezikolweni. Irejista abayisebenzisileyo asiyiyo eyenqaku lephephandaba.

(c) **Umbuzo 2.3**: **Udliwanondlebe**

Abaviwa abaninzi abawukhethileyo lo mbuzo babonakalise ukungakwazi ukohlula phakathi kwengxoxo nodliwanondlebe. Abanye babhale gabalala ngodliwanondlebe endaweni yokuba babhale ngomba wemfundo yasimahla.

(d) **Umbuzo 2.4: I-Ajenda nemizuzu**

Uninzi lwabaviwa abawuphendulanga kakuhle lo mbuzo. Abakwazanga ukubhala ngefomathi echanekileyo nomxholo abawuchananga ngokufanelekileyo.

(e) **Umbuzo 2.5: Intetho esesikweni**

Abaviwa abayichananga ifomathi nombuzo abawutolikanga kakuhle, uninzi lwabo lubhala isincoko esiphumileyo emxholweni.

(f) **Umbuzo 2.6: I-Obhitshwari**

Abaviwa abawulandelanga umyalelo wombuzo othi mababhale i-obhitshwari yomdlali osenyongweni koko babhale gabalala nto leyo ekhokelele ekubeni baphume emxholweni.

Iingcebiso

(a) Ootitshala mabaqhelise abafundi ukufunda imibuzo phambi kokuba bakhethe itekisi ukuze bavisisise umxholo wetekisi leyo. Makubekho isifundo esimisiweyo eklasini sokufundisa ukukhetha imibuzo.

(b) Ootitshala mabaqiniseke ukuba abafundi abayibhali idrafti xa bebhala uviwo mababhale imephu yengqondo kuphela. Idrafti bayibhala kwizincoko abazibhala eklasini nezifana nomsebenzi omiselweyo wesibini kwikota yokuqala.

(c) Ootitshala bayacetyiswa ukuba bazifundise zonke iindidi zezincoko nezemihlathi njengoko zidwelisiwe ***kuxwebhu*** **lweNkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola** ***kwisahluko 3.3 esithi ukubhala nokunikezela nakwisicwangciso sokufundisa ngokweveki zonyaka. Bagxile ngakumbi kwifomathi.***

(d) Makuqinisekiswe ukuba kulolongo olwenziwayo lwezincoko abafundi banikwa nemifanekiso bancediswe bayile izihloko ngale mifanekiso bade bazibhale besafundiswa. Makuqatshelwe ukuba ngesincoko ngasinye asikhethileyo umfundi uvumelekile ukuba abalise/ achaze/ axoxe/avelele amacala omabini / okanye acamngce.

(e) Makulandelwe inkqubo yokubhala xa kubhalwa udidi ngalunye lwesincoko okanye lomhlathi kwizifundo nakubhalo abalwenzayo abafundi. **(Jonga kuxwebhu lweNkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola kumhlathi we-3.3).**

(f) Makuqatshelwe ukuba ulwimi ludlala indima ebalulekileyo kubhalo lwezincoko nemihlathi, yiyo le nto ***umhlathana othi 'imigaqo yokusetyenziswa kolwimi kumaphepha' 34-36 kuxwebhu*** **lweNkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola** unika isikhokelo***.***

(g) Iirubriki zokumakisha mabazinikwe abafundi bazisebenzise ukujonga umgangatho womsebenzi wabo. Ukanti ootitshala nabacebisi banoxanduva lokubancedisa abafundi baze bazisebenzise xa bemakisha ezi zincoko.

(h) Mawakhuthazwe okanye asungulwe amaphulo okhuphiswano lokubhala izincoko.

(i) Ootitshala mabaqinisekise ukusebenzisa uxwebhu olusandula kufika ezikolweni ngowe-2018 ***ISIXHOSA HL SBA AND ORAL EXEMPLAR BOOKLET GRADE 10-12*** baze abacebisi bezikolo nabo baqinisekise ukusetyenziswa kwalo ngootitshala.

(j) Upelo nokuhlela maluthathwe njengomba obalulekileyo bade banikwe nemihlathi nezincoko ezineengxaki zopelo bazilungise ngokwabo okanye bazikorekishe ngokwabo

(k) Ootitshala mabahlale benencwadi ababhala kuyo iimposiso zomfundi ngamnye oneengxaki zopelo bamana ukuhlaba impazamo leyo xa umfundi ede wayiqabela intaba.

(l) Makusetyenziswe nezichazi magama ngabafundi eklasini kwakunye namaphulo opelo awenziwa kusasa phambi kokuba kungenwe kumagumbi okufundela.

(m) Abacebisi besifundo mabaqiniseke ukuba ootitshala bayazifundisa iindidi zezincoko nemihlathi ngokuqwalasela kwimisebenzi engekho sesikweni yabafundi.

(n) Makukhuthazwe ukufunda kumaqela okufunda kunye ukuze baqhele ukusebenza ngesigama ukuze sikhule isigama esinokusetyenziswa kumxholo ngamnye.

(o) Abacebisi besifundo mabakhuthaze ze bancedise ootitshala ekwakheni amaqumrhu okufunda ezikolweni.

(p) Abacebisi mabaqinisekise ukuba ootitshala nabafundi kwizikolo zabo zonke zesithili zithabatha inxaxheba kwintetha zasesidlangalaleni (*public speaking*) ezilungiselelweyo nezingalungiselelwanga, iinkqubo zeelwimi ezenziwa ngooMasipala kwiingingqi zabo eziphuhlisa izakhono zokufunda, ukuthetha, ukuphulaphula nokubukela (SOPA, usuku lwamaqhawe njalo njalo)

(q) Ootitshala mabaqiniseke ukuba bayabacacisela abafundi ngendlela abahlolwa ngayo kweli phepha.

Umzekelo: Isincoko

Indlela abiwa ngayo amanqaku angama-**50**.

UMXHOLO NOCWANGCISO	30
ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA	15
ISAKHIWO	05
AMANQAKU EWONKE	**50**

Umzekelo: Imihlathi

Indlela abiwa ngayo amanqaku angama-25

UMXHOLO, UCWANGCISO NEFOMATHI	15
ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA	10
AMANQAKU EWONKE	**25**